Ngentsebenziswano noWCLC, ngokwezimvo zentsebenziswano noluntu ekuhlaleni, abasebenzi kunye namahlakani angaphandle, kwakunye nalawo abalulekileyo ngokwesicwangciso-qhinga, esi sicwangciso sathi saqulunqelwa ukuthi sisebenze njengesikhokelo esisesikweni kwiKomiti Yeelwimi kwiNtshona Koloni kwanakwiSebe kulo nyaka siwungenayo. Ndinelunda kukunikezela isikhokelo sezopolitiko esidingekayo ukuze kuzuzeke umbono wesicwangciso-qhinga sethu seNtshona Koloni enoluntu olumanyeneyo, eneembono ezintsha, eshukumayo neyayameneyo.

Amarais

ngu-Anroux Marais
iSikhulu seWestern Cape Language Committee

INTETHO KASOMAQHUZU

UMgaqo-nkqubo Weelwimi kwiNtshona Koloni ugunyazisa ukudalwa koluntu olumanyeneyo kwakunye nobudlelwane obuphucukileyo kwinkalo yokwahluka-hlukana kweelwimi. Umgao-nkqubo lo wayanyanise nomthetho iWestern Cape Provincial Languages Act, ka-13 ka-1998 yaye uxhasa amalinge eBatho Pele. Ngapha koko, iSicwangciso-qhinga esathi samkelelwa ku-2020/21-2024/25 siphakamisa indima yohlolo edlalwa yiKomiti Yeelwimi kwiNtshona Koloni ekuqinisekiseni ukuba iilwimi ziyafikeleleka kuye wonke ubani ohlala kwiNtshona Koloni.

Sele ichongiwe iKomiti entsha ukuze iqhube de kube ngo-2025. Le Komiti ke iya kwacha phezu kweempumelelo zeKomiti engaphambili, eyathi yagqwesa phantsi kwelifu lombulala-zwe iCovid-19ze yayizuzwa iminqweno neenjongo eyayizimisele zona. Ekumiselwe kweSicwangciso Sentsebenzo Yonyaka (i-APP) ka-2022/23, iKomiti Yeelwimi kwiNtshona Koloni iya kuthi isebenzise indlela yokusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo, ukuze kuvuselelwe umgangatho weelwimi ezintathu ezisesikweni kwiNtshona Koloni, iilwimi zomthonyama ebezikade zingabonelwa ntweni kwakunye noLwimi Lwemiqondiso loMzantsi Afrika. Ukuze kuzuzwe ezi zalathisi zimiselweyo ze-APP ka-2022/23, kubalulekile ukuba iKomiti isebenzisane nothotho lwamahlakani ngenjongo yokuphakamisa amatyathanga entsebenziswano aya kukhokelela ekubandakanyweni koluntu.

iKomiti ke iya kuwulangazelela ngokuzingca umsebenzi ewuphathisiweyo ze isebenzele ukuba ngamagorha eenguqu ngokuthi imisele uMgaqo-nkqubo Weelwimi kwiNtshona Koloni.

Genevieve Lentz

nguGenevieve Lentz
uSihlalo weKomiti Yeelwimi kwiNtshona Koloni
Egameni likaSomaqhuza



ISINIKEZELO NGOKUSESIKWENI

Oku kukuqinisekisa ukuba esi Sicwangciso Sentsebenzo Yonyaka:

- sithe saqulunqwa yiKomiti Yeelwimi kwiNtshona Koloni phantsi kwesikhokelo sikaMphathiswa u-Anroux Marais;
- sinika ingqwalasela yonke imigaqo-nkqubo, imithetho kunye nezinye izigunyaziso echaphazelekayo ethwaliswe uxanduva lwazo iKomiti Yeelwimi kwiNtshona Koloni;
- Sidiza ngokuchanekileyo ifuthe, iziphumo kunye negaelo efuna ukulizuza iKomiti Yeelwimi zeNtshona Koloni kwisithuba sonyaka-mali u-2022/23.

nguBrenda Rutgers
iGosa Elongamele Ezemali

nguGenevieve Lentz
uSihlalo weWCLC
Egameni likaSomaqhuzu

nguGuy Redman
iGosa Elongameleyo kwiSebe Lemicimbi Yenkcubeko Nemidlalo (iDCAS)

Iphunyezwe:

ngu-Anroux Marais
iSikhulu seWCLC

IZISHUNQULELO

DCAS	iSebe Lemicimbi Yenkcubeko Nemidlalo
MEC	Ilungu leBhunga Elilawulayo
MTSF	Isikhokelo Sethuba Elingephi Lesicwangciso-qhinga
NDP	Isicwangciso Sophuhliso Lwesizwe
PanSALB	Ibhodi Yeelwimi zoMzantsi Afrika Ngokubanzi
PFMA	Umthetho iPublic Finance Management Act, ka-1999
PLC	Ikomiti Yeelwimi zePhondo
PSP	Isicwangciso-qhinga sePhondo
VIP	Oondoqo Abaphefumlelwe Ngumbono
WCG	uRhulumente weNtshona Koloni
WCPLC	Ikomiti Yeelwimi zePhondo leNtshona Koloni
WCLC	Ikomiti Yeelwimi zeNtshona Koloni

1. UHLAZIYO KWIZIGUNYAZISO NGOKWEMITHETHO NEMI-GAQO-NKQUBO ECHAPHAZELEKAYO

1.1 Izigunyaziso ngokoMgaqo-nkqubo

Icandelo	Ingcaciso
UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, Act 108 ka-1996	
Icandelo 6(3), (4) kunye no-(5): Ulwimi	URhulumente weNtshona Koloni kufuneka, ngokwamalinge omthetho kunye namanye, amisele ze ahlole ukuzisebenzisa kwakhe iilwimi ezisesikweni. Zonke iilwimi ezisesikweni kufuneka zonwabele izinga lesidima esilinganayo yaye kufuneka zithatyathwe njengokuba zizezilinganayo. IWCLC isebenzisana neBhodi Yeelwimi zoMzantsi Afrika Ngokubanzi ngenjongo yokuphakamisa kwanokudala iimeko zoupuhliswa kwanokusetyenziswa kweKhoi, iNama, iilwimi zaBathwa ndawonye neNolwimi loMzantsi Afrika Lweempawu. IWCLC, ngentsebeziswano neDepartment of Cultural Affairs, ithwele uxanduva lokuhlola nokuvavanya ukumiselwa koMgaqo-nkqubo Weelwimi zePhondo leNtshona Koloni, owamkelwa ngo-2001, yaye kufuneka inikezele ingxelo kwiNdlu Yowiso-mthetho yePhondo leNtshona Koloni ngalo msebenzi ubuncinci Kanye ngonyaka. ICAS yona inoxanduva lokujongana nokusebenza kweWCLC yaye ikwanikezela nangenkxaso yezolawulo kwaneyezemali kule Komiti.
Icandelo 30: Ulwimi nenkcubeko	IWCLC inikezela isikhokelo samathuba kubantu beNtshona Koloni ukuze basebenzise amalungelo abo kwinkalo yeelwimi neyekwenkcubeko ngokweenkqubo namaphulo eza nawo kwanewaxhasayo.
Icandelo 31: Amaqela oluntu ngokwenkcubeko, ezenkolo neelwimi	IWCLC kufuneka iqinisekise ukuba iinkqubo namaphulo ayo ayayihlonela iyantlukwano yabemi beNtshona Koloni ngokwenkcubeko.
Icandelo 41: Imigaqo karhulument ewentsebnzizwano kwakunye nobudlelwane boorhulumente	IWCLC isebenzisana nawo onke amanqanaba karhulumente ekwenzeni lo msebenzi wayo.
Ishedyuli 4: linkalo zentsebenzo apho urhulumente wesizwe nabamaphondo benamagunya khona ngokwemithetho	Kumba womgaqo-nkqubo kwanokumiselwa kweelwimi ezisesikweni de kume apho imigaqo yeCandelo 6 loMgaqo-siseko linikezela ngokuphandle kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni amagunya okumisela imithetho, iWCLC iye isebenze neSebe lesizwe Lobugcisa Nenkcubeko kwakunye namanye amaqumrhu ombuso achaphazelekayo kwimiba yomgaqo-nkqubo weelwimi.
Icandelo 195: Imigqaliselo nemigaqo engundoqo elawula imicimbi yolawulo lwaseburhulumenteni	Amagosa eDCAS athwaliswe uxanduva lokwenza umsebenzi weWCLC kufuneka aqinisekise ukuba izibonelelo zisetyenziswa ngendlela endilisekileyo, eqoqoshayo nesebenzayo. Iinkqubo ezithi zimiselwe eburhulumenteni kufuneka zize neenzuzo ezimandla ngeyona ndlela inoqoqosho.

Icandelo	Ingcaciso
UMgaqo-siseko weNtshona Koloni, Act 1 ka-1998	
Icandelo 5	Ngokweenjongo zikaRhulumente weNtshona Koloni: (a) Kufuneka kusetyenziswe ilwimi ezisesikweni ezisisiBhulu, isiNgesi nesiXhosa; futhi ke (b) Ezi lwimi kufuneka zonwabele isidima esilinganayo. IWCLC kufuneka ihlole ukusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi kuny nesiXhosa kwiNtshona Koloni. INtshona Koloni kukwafuneka imisele amalinge aya kuba nefuthe naya kuba ngumzekelo omhle ngenjongo yokunceddisa ekwenyusweni kwezinga kwanokuphakamiseni ukusetyenziswa kwezo lwimi zomthonyama kwiNtshona Koloni ezikumgangatho othe ngokuhamba kwamaxesha wehla.
Icandelo 81(d)	URhulumente weNtshona Koloni kufuneka amkele ze amisele imigaqo-nkqubo ngenjongo yokuphakamisa ngokukuko kwanokugcina intlalo-ntle yabantu baseNtshona Koloni, kuquka nemigaqo-nkqubo ejoliswe ekuzuzeni ukuphakayiswa kwentlonipho yamalungelo amaqela enkubeko, ezenkolo kunye naweelwimi kwiNtshona Koloni.

1.2 Izigunyaziso ngokwemithetho

Umthetho	Isalathisi	Ingcaciso
iPublic Finance Management Act (iPFMA), ka-1999	Act 1 ka-1999	IWCLC kufuneka ingenise iingxelo zeekota nezonyaka ngentsebenzo yayo kwakunye neengxelo zemali eziphicothiweyo ezisekelwe kwiithageti zonyaka zeenjongo zesicwangciso-qhinga zonyaka-mali ngamnye.
i-Use of Official Languages Act, ka-2012	Act 12 ka-2012	Lo Mthetho ujolise ingakumbi kumasebe esizwe, amaqumrhu oluntu esizwe ndawony e namashishini karhulumente kwisizwe. Ukuba bekunokuthi iinkalo ezithile zalo mthetho zibe nefuthe kumgaqo-nkqubo weelwimi kwanekhono leelwimi kwiNtshona Koloni, iWCLC ibiya kuba negunya lokudlala eyayo indima.
iPan South African Language Board Act, ka-1995	Act 59 ka-1995	IKomiti Yeelwimi kwiNtshona Koloni iyanakanwa yiBhodi Yeelwimi zoMzantsi Afrika Ngokubanzi. Phakathi kwezinye izinto, lo Mthetho unesidingo sokuba iBhodi Yeelwimi zoMzantsi Afrika Ngokubanzi (iPanSALB) imisele ikomiti yeelwimi zephondo (iPLC) kwiphondo ngalinye. IPLC eyiKomiti Yeelwimi zeNtshona Koloni yamiselwa ngenyanga yeThupha ngo-2019.

Umthetho	Isalathisi	Ingcaciso
iWestern Cape Provincial Languages Act, ka-1998	Act 13 ka-1998	IWCLC kufuneka, Phakathi kwezinye izinto: - Ijongane nokusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi kunye nesiXhosa nguRhuumente weNtshona Koloni; - Yenze izindululo kuMEC (oliLungu leBhunga Elilawulayo) kwanakwiPalamente yePhondo ngawo nawuphi na umthetho okhoyo,, umsebenzi kwakunye nangomgqo-nkqubo ochaphazela ulwimi kwiNtshona Koloni; - Iphakamise ngokukuko umgaqo wokusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo; - Iphakamise uphuhliso kunye nokuphakanyiswa kweelwimi zomthonyama ezaziya kusengelwa phantsi; - Icebise uMphathiswa kwakunye neKomishoni Yenkcubeko kwimiba yeelwimi kweli Phondo; ze - Icebise iPanSALB kwimiba yeelwimi kwiNtshona Koloni.
iSouth African Language Practitioners' Council Act, ka-2014	Act 8 ka-2014	Lakuba lisekiwe iBhunga Loosozilwimi boMzantsi Afrika, liya kuba namagunya , Phakathi kwezinye izinto, okubhalisa kwanokuqinisekisa oosozilwimi, limisele indlela yokuziphatha, ze lilawule ikhono lokusebenz ngeelwimi.
Promotion of Access to Information Act, ka-2000	Act 2 ka-2000	Lo Mthetho unikezela amandla kwilungelo lokufikelela kumarekhodi afunjathwe ngumbuso, amaqumrhu aseburhulumenteni kwakunye nangamaqumrhu abucala. Phakathi kwezinye izinto, iDCAS kunye namanye amaqumrhu ombuso nawabucala kufuneka: - Aqulunge isikhokelo esicacisa kuluntu indlela yokufaka isicelo sokufikelela kumaxwebhu aqulethe iinkcukacha ezikugcino lwelo qumrhu; kwakunye - Nokuqashwa kwegosa leenkukacha eliza kuqwalasela izicelo zokufikelela kwiinkcukach ezikugcino lwelo qumrhu
iPromotion of Administrative Justice, ka-2000	Act 3 ka-2000	Lo Mthetho: - Umisela imithetho kwakunye nezikhokelo ekufuneka zilandelwe ngabaphathi xa besenza izigqibo; - Unesidingo sokuba abaphathi bazise abantu ngelungelo labo lokuhlola okanye lokufaka isibheni kwakunye nangelungelo labo lokulokucela izizathu; - Unesidingo sokuba abaphathi banikezele izizathu ngezizigqibo zabo; yaye - Ukwanika uluntu ngokubanzi ilungelo lokucela umngeni izigqibo zabaphathi abo enkundleni.

Umthetho	Isalathisi	Ingcaciso
iProtection of Personal Information Act, ka-2013	Act 4 ka-2013	Lo Mthetho uphakamisa ukukhuselwa kweenkcukacha zabucala ezithe zaqulunqwa ngamaqumrhu oluntu kwanawabucala; ukwzisa iimeko ezithile ngenjongo yokumisela izidingo ezingundoqo ngokuqulunqwa kweenkcukacha zabucala. Ngapha koko, lo Mthetho unikezela ngelungelo lokumiselwa komlawuli weenkcukacha ukuze aphakamise amagunya athile kwanokwenza imisebenzi kwanoxanduva oluthile ngokwemigaqo yalo Mthetho kwaneyePromotion of Access to Information Act, ka-2000. Lo Mthetho ubonelela ngegunya lokunikezelwa kweenkqubo zeendlela zokuziphatha; elamalungelo abantu kumba wonxibelelwano lobuxhakaxhaka bobugcisa olungenazimvume kwakunye nokwenziwa kwezigqibo ngendlela ezenzekelayo; ngenjongo yokulawula ukutyhutyha kweenkcukacha zabucala zabantu ngaphaya kwemida yeRiphabliki yoMzantsi Afrika; kwanokubonelela kweminye imiba enokub iyachaphazeleka.
iTraditional and Khoi-San Leadership Act, ka-2019	Act 3 ka-2019	Lo Mthetho ubonelela: • Ngokunakanwa kwamaqela oluntu anamasiko kwakunye nelamaKhoi-San, izikhundla zobunkokheli kwaokukhwetyulwa koko kunakanwa; • Ngesikhokelo kwimisebenzi neendima zeenkokheli zemveli kunye nezamaKhoi-San; • Olu nakano, ukumiselwa, imisebenzi, iindima kunye nolawulo lwamabhunga obukumkani nobukumkanikazi, amabhunga aphambili kubukhosi bemveli, amabhunga obukhosi bemveli, amabhunga amaKhoi-San kunye kwakunye namabhungana obukhosi bemveli njengenkxaso kuloo mabhunga; • Ukumiselwa, ukubunjwa kwakunye nomsebenzi weNdlu Yesizwe Yeenkokheli Zemveli kunye NezamaKhoi-San; • Ukumiselwa kwezindlu zamaphondo zeenkokheli zemveli kunye nezamaKhoi-San; • Ukumiselwa nokubunjwa kwezindlu zeenkokheli zemveli kwakunye nezamaKhoi-San kwimimandla; • Ukumiselwa kwanokusebenza kweKomishoni ejongene nemicimbi yamaKhoi-San; • Inkqubo yendlela yokuziphatha kumalungu eNdlu Yesizwe, awezindlu zamaphondo, awezindlu zemimandla kwakunye nawo onke amabhungu obukhosi bemveli kwakunye nawamaKhoi-San; ndawonye • Namagunya olawulo kaMphathiswa naweeNkulu-baphathiswa

1.3 Izigunyaziso ngokwemigaqo-nkqubo

ISIMO SAMAZWE NGAMAZWE NESELI LIZWE KUMBA WEMIGAQO-NKQUBO

Amanqaku e-2030 Agenda for Sustainable Development ndawonye ne17 Lamanqaku ayo Ophuhliso Oluzinzileyoamisela (iiSDGs) amisela ukugxila ngendlela echanekileyo yesicwangciso-qhinga samazwe ngamazwe kule Komiti. Amanqaku e-Agenda yeManyano ye-Afrika (i-AU) ka-2063,

ayanyaniswa kwezi SDG, akhankanya iminqweno esixhenxe yeli lizwekazi, equka i-Afrika emanyeneyo, i-Afrika enempumbelelo, i-Afrika yentando yesininzi kunye ne-Afrika enoxolo, enobuntu obunendlela eluqilima yeenkcubeko ngeenkcubeko, eqhutywa ngabantu nelifuthe elihle kumazwe ngamazwe. Ulwimi

ke njengesixhobo sonxibelelwano kwanomanyano lwabantu lulisiseko esingundoqo ekuzuzweni kwala manqaku.

Isicwangciso Sophuhliso Lwesizwe (iNDP) sika-2030, esayanyanise Kumanqaku kwi-Agenda 2063 ye-AU kunye neeDSG, sinikezela ngesikhokelo somgaqo-nkqubo kumba wokupheliswa kwentlupheko kwanokunciphisa ukungalingani ukuya ga ngo-2030. Isikhokelo Sesicwangciso-qhinga Sexesha Elingephi (iMTSF) ka-2019-2024 nayo ikwanikezela isikhokelo ekuphunyezweni kwanesekuhloleni kwale NDP yaye oko kuquka oondoqo abasixhenxe, abangaba:

1. E1. linguqu Kuqoqosho Kwanokudalwa Kwamathuba Engqesho;

2. Imfundo, Izakhono Nempilo;
3. Ukwenza luqilima Imivuzo Yoluntu Ngokuthi Kuni-kezelwe Iinkonzo Ezingundoqo Ezithembakeleyo Nezisemgangathweni;
4. Ukuhlanganyelwa Kwesimo, Uzinziso Loluntu kunye noRhulumente Wamakhaya;
5. Ubumbano Loluntu kunye Noluntu Olukhuselekileyo;
6. UMBuso Onesakhono, Esinesazela Nesisekelwe Kuphuhliso; kunye
7. ne-Afrika Kwanehlabathi elingcono

IKomiti ifaka igxalaba kwiZiphumo Zesizwe zeMTSF njengoku kulandelayo:

Undoqo weMTSF	Igalelo leKomiti
Undoqo 6: Ubumbano loluntu kunye noluntu olukhuselekileyo	Ukuze kube nokwenyuka izinga lolwazi nokusetyenziswa kwezi lwimi zintathu zisesikweni kunye noLwimi Lwabangevayo kubantu baseNtshona Koloni, iKomiti le iphakamisa ubumbano loluntu kunye noluntu olukhuselekileyo ngokuthi iphakamise ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo, iilwimi zemveli ezisabekelwe bucala kunye noLwimi loMzantsi Afrika Lwabangevayo ngokweenkqubo zayo.
Undoqo 7: I-Afrika Nehlabathi elingcono	Ekuxhaseni ubumbano lweengingqi nolwezekazi ngokubanzi, iKomiti ibhiyozela yaye iphakamisa iintsuku ezithile zezwe nezehlabathi ezibalulekileyo ekuzuzeni ubumbano loluntu.

ISIMO SOMGAQO-NKQUBO KWIPHONDO

Isicwangciso-qhinga sePhondo (iPSP) sika-2019-2024 neSicwangciso seNtshona Koloni Sokubuyisa Isimo

Isicwangciso-qhinga sePhondo sibonelela ngesikhokelo sesicwangciso-qhinga koondoqo besabelo-mali sephondo sethuba lexesha elingephi, nabo abayanyanise neziphumo zesicwangciso-qhinga senDP. Isalathisi seziphumo zeKomiti sayanyanise noNdoqo Abasekelwe Kumbono (iiVIP) bakaRhulumente weNtshona Koloni, ingakumbi le enento yokwenza noVIP 1: Uluntu Olukhuselekileyo Nolubumbeneyo kuny enoVIP 3: Ukuxhobisa Abantu. Ezi VIP zijolise ekunciphiseni uninzi lwezinto ezingoonobangela bomngcipheko, ngokuthi kubandakanywe abantu kuqoqosho kwanokuxhotyiswa ngemfundo enokwakha umntu ngamnye, usapho kunye kwakunye nokomelela kweentsapho noluntu ngokubanzi kumaxesha obundlobongela.

Ukumiselwa kweMeko Yentlekele kuZwelonke njengesiphumo sikabhubhane oyiCovid-19 kukhokelelekwise icwangciso-qhingasohlengahlengiso kuloo malinge, iinkqubo namaphulo ePSP. Imingeni eyingxenywe yesiseko sePSP ayitshintshanga, kodwa yena ubhubhane uhlasele nangakumbi wenza ukuba iPhondo lijamelane nemingeni emininzi, yaye kuntshule iingxaki ezintsha. Ngelixa iPSP isesisikhokelo esilawulayo, iSicwangciso Sokubuyisa Isimo sikaRhulumente weNtshona Koloni sijolise kwimisebenzi, ukhuseleko nentlalo-ntle. Ukhuseleko nentlalo-ntle zichaphazeleka nangakumbi zonakumsebenzi wale Komiti.

Kumsebenzi wokuzuza iiVIP ezichaphazelekayo kunye neSicwangciso Sokubuyisa Isimo seWCG, iKomiti iya kwenza umsebenzi wayo wokunikezela isikhokelo kwiinkonzo zikarhulumente wephondo ngenjongo yokuqinisekisa uMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni uyathotyelwa. Ekuphakamiseni umgangatho nasekunikeni Amandla ulwimi lweenkobe, iKomiti

iya kube ifaka igxalaba kukhuseleko nentlalo-ntle yabemi ngokuthi idalele abahlali baseNtshona Koloni amathuba okuphucula ubomi babo kwakunye nobomi

babanye kwanokuqinisekisa ubomi obunentsingiselo nobunesidima, obuya kuthi bona budale uluntu oluphilisana ngobumbano.

2. UKUHLAZIYWA KWEMIGAQO-NKQUBO NEZICWANGCISO-QHINGA ZELI QUMRHU

ICandelo 6 loMgaqo-siseko, ka-1996, njengoko kuqulethwe kwizibonelelo zawo ezisisiseko, umisela indima emandla yolwimi kwilizwe lethu. UMthetho iWestern Cape Provincial Languages Act, ka-1998, udiza indima yale Komiti yaye wona uMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni usebenza njengesikhokelo solawulo kwiWCG kumba wokucujwa nokusetyenziswa kolwimi kweli phondo.

Ulwimi luseliqhagamshela elibalulekileyo oluya kufumbatha isizwe sethu njengoko sizama ukuphila kwifuthe elibi likabhubhane oyiCovid-19 kwanokwakha oko kuthe kwatshabalala. Ukuzuzeka kwePSP kwakunye neSicwangciso Sokubuyisa Isimo kuya kuxhomekeka kulwimi, oluyingxeny ebaluleke kakhulu kunxibelelwano loluntu kwanokukwakhiwa koluntu. Ulwimi lunkonye kulo ukwahlukana kweenkcubeko zethu kwanolwazi loluntu lwethu,

kungoko ke lubaluleke kakhulu ekwabelaneni ngeenkcubeko nemigqaliselo yezizukulwana ngezizukulwana. Noxa lukho nje kuMgaqo-siseko njengelungelo loluntu yaye lukhuselwe nayimithetho yesizwe neyamaphondo, kubalulekile ukuqhuba nokusasaza ulwazi kwanokuqinisekisa ukuhunyezwa koMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni ndawonye noMgaqo Wokuziphatha Ngokweelwimi.

IWCLC yayidweliswe njengeyeShedyuli 3, iqumrhu loluntu kwiphondo elikwisigaba C ngomhla wokuqala kweyeSilimela ka-2001 ngokwemigaqo yomthetho iPublic Finance Management Act, ka-1999. IKomiti ke iphantsi kwesikhokelo sesicwangciso-qhinga sikaMphathiswa njengeSikhulu yaye izinikezela kwiNtloko yeSebe Lemicimbi Yenkcubeko Nemidlalo iingxelo zayo. Intsebenzo yayo iphantsi kweliso leDCAS.

3. IZIGWEBO ZEENKUNDLA EZICHAPHAZELEKAYO

Azikho

Umbono

Ukuxhotyiswa kwabo bonke abemi beNtshona Koloni ngokolwimi; ukuphakanyiswa kwesidima somntu ngokuthi kunikwane intlonipho kwiilwimi kwanokuphakanyiswa kokusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo.

Umnqophiso

Kukubeka iliso ekusetyenzisweni kweelwimi ezintathu ezisesikweni kwiNtshona Koloni; kukubeka esweni inkqubo yokuphunyezwa koMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni kwanokunika iingcebiso kuMphathiswa othwaliswe uxanduva lwemicimbi yeelwimi kwakunye neBhodi Yeelwimi zoMzantsi Afrika Zizonke kwimiba yolwimi yeli phondo, okanye echaphazela eli phondo..

4. UHLALUTYO LWEMEKO EHLAZIYIWEYO**4.1 Uhlalutyo lwemeko yangaphandle**

Njengesiphumo sokwenziwa kwezinto ngokwamanqanaba ehlabathi, ulawulo lwaseburhulumenteni kufuneka lufune amathuba eembono ezintsha ukuze kusombululeke imiba enzima olujamelene nayo. Ukwenziwa kwezinto ngohlobo lwehlabathi kuye kwadala ukwanda kokuhlanganyelwa kweenkqubo zoluntu, zoqoqosho, zezopolitiko nezobuchwepheshe. Izicwangciso-qhinga eziphambili ekuzeni neembono ezintsha ziquka ukuhlanganiswa kweenkonzo, ukubonisana nabemi, ukugcina amatyathanga entsebenziswano kwanokusebenzisa nokulawula iinkcukacha nobuchwepheshe.

IMIBA YOPOLITIKO

URhulumente wesizwe nowephndo bakugxininisile ukubaluleka kolwimi kwilizwe lethu ngokuthungelana noMgaqo-siseko. IWCLC iyazamkela iindima ezikukubeka iliso ezidlala ziiKomiti Ezimiyo ezahlukeneyo yaye iya kuzithabathela ingqalelo iingxelo ezichaphazela ukuphuculwa kweenzame zokuzuzeka kwendima yale Komiti.

IBhodi Yeelwimi zoMzantsi Afrika Zizonke yathi yaqasha iKomiti Yeelwimi zePhondo leNtshona Koloni (iWCPLC) ngenyanga yeThupha, ngokwemigaqo yeCandelo 8 (8)(a) lomthetho iPan South African Language Board Act, 59 ka-1995. Ngokwemigaqo yalo Mthetho, iPLC le inikezela iingcebiso kwiPanSALB ngawo nawuphi na umba wolwimi kweli phondo, okanye ochaphazela eli phondo. IWCLC kunye neWCPLC zamkele inkqubo yokusebenzisana ngenjongo yokuqinisekisa ukuba iindima zala maqumrhu ziyazuzeka.

IMIBA YOQOQOSHO

Ukumiselwa Kwesimo Sentlekele kuZwelonke njengesiphumo sefuthe leCovid-19 kube nefuthe elibi kwizibonelelo zemali ezishokoxekileyo kakade

zeWCLC. Ukuze kube nokunciphiseka ifuthe elibi ezimalini, iWCLC iya kuqhuba nokwenza luqilima amatyathanga entsebenziswano namaqumrhu achaphazelekayo anoxanduva lokwenza kwa lo msebenzi mnye.

IMIBA YOLUNTU

Ubhubhane iCovid-19 usiphathele iinkqubo ezintsha zokhuseleko, wabeka imiqathango kwiindibano zoluntu. IKomiti le iya kuqhuba nokuza namaqhinga amatsha afana nokusebenzisa izixhobo zobuchwepheshe ukubamba imihlangano, apho kuyimfuneko khona, ukuze izuze iithagethi zayo.

IKomiti iqulunqe indlela yokusebenzisana neBhodi Yeelwimi zoMzantsi Afrika, iSebe ndawonye neminye imibutho ngenjongo yokuhlanganisa kunye izibonelelo nezakhono zazo, ngokwenkqubo yetyathanga eliphantsi kolawulo, eliza kuba nefuthe elibanzi ekuphunyezweni koondoqo abaphambili bale Komiti.

Indibano Ephangaleleyo yombutho Wezizwe Ezimanyeneyo wathi wamisela iminyaka u-2022 ukuya ku-2032 njengeShumi Leminyaka Yamazwe Ngamazwe Leelwimi Zenkobe. Olu miselo ke luphakamisa ukulahlekwa ziilwimi zemveli ngendlela embi kwakunye nesidingo esingxamisekileyo sokuzilondoloza, ukuzivuselela kwanokuphakamisa izinga lezi lwimi zemveli. IKomiti ke iya kuqhuba nokukhaphela iinzame zayo kule nkalo ngokwemisebenzi yayo. Ukuzinikela kulo msebenzi ubonakala ngokwesalathisi esinguzimele-geqe sale Komiti esigxile ekuphakamiseni izinga leelwimi zemveli.

Ngokweziphumo zobalo-bantu lokugqibela olwenziw yiStatistics South Africa ngo-2011, IsiXhosa, esithethwa ngabantu abamalunga neshumi elinesithandathu ekhulwimi lwabemi, siza emva kolona

Iwimi lithethwa kakhulu kumakhaya oMzantsi Afrika, apho ama-24.7 ekhulwini abantu abalusebenzisayo bahlala kwiNtshona Koloni. IsiBhulu sona sithethwa njengolwimi lwasekhaya ngabemi boMzantsi Afrika abalishumi elinesithathu nesiqingatha, apho ama-49.7 ezi zithethi baphila kwiNtshona Koloni. Bangaphantsi kweshumi ekhulwini abemi boMzantsi Afrika abathetha isiNgesi njengolwimi lwenkobe, kodwa ke iselolona lwimi luphambili kunxibelelwano kweli lizwe. Abantwana bafundiswa yaye kulindeleke ukuba bafunde iincwadi ezibhalwe ikakhulu ngesiNgesi. Uninzi lwabantwana abathetha olunye lweelwimi zemveli zeli baye batshintshela kwisiNgesi njengolwimi oluphambili kwimfundo yabo kwiBanga Lesine. Kubalulekile ukuba kuphne kuboniswane, ingakumbi xa kuqwalaselwa iinkcubeko neelwimi zethu ezahlukeneyo ngenjongo yexesha elide yokusombulula imingeni esisajamelene nayo ukuze ulwimi lwenkobe luphakanyiswe kuzo zonke iinkalo zobomi bethu, ukuze kube nokusonjululwa nemikhwa kuluntu, kuxhotyiswe uluntu lwethu ze ekugqibeleni kube kufakwa igalelo ekuphuculweni kooqoqosho lwethu. IWCLC izinikele ekusebenzisaneni nabaquunqi bemigaqo-nkqubo kwakunye namaqumrhu kwinkalo yeelwimi, ukuze ibe nokufaka igxalaba ekumiselweni kwenkqubo eza kufana kulo mba ubaluleke kangaka.

IKomiti iya kuqhuba nokugxila kumalinge ayo okuphakamisa izinga leelwimi zaBathwa namaKhoi. Zikho izithethi ezimbalwa kweli lizwe ezikwayo ukuthetha ezi lwimi, yiyo le nto kufuneka kuqulunqwe amacebo amatsha ngenjongo yokuvuselela ezi lwimi nje. KwiKhoekhoegowab, intetho ihambisa ithi “[Gui gowa-I ge tatse ðäusa tama hâ” (ulwimi olunye alusoze lwanela).

Aya kukhangelwa amanye amathuba okuphaamisa izinga leKaaps, esetyenziselwa ikakhulu ukubhala, ukufunda nokuthetha kwiNtshona Koloni. Ngokwasezimbalini, abantu abasebenzisa isiNgesi nesiBhulunjengeelwimi zabo zemveli bathi bangcamla kwiinzuzo zokufikelela ezintweni kwanokuphumelela kuwo onke amaqanaba oqoqosho, ezopolitiko kunye nemfundo eMzantsi Afrika. Abazange balizuze ke eli cham abantu abathetha iKaaps.

Kuya kusoloko kuyinto ephambili kule Komiti ugxila ekuphakamiseni izinga loLwimi loMzantsi Afrika Lwabangevayo. IBhodi Yeelwimi zoMzantsi Afrika Zizonke yathi yaphehehlelela iTshata Yolwimi loMzantsi Afrika Lwabangevayo ngo-2020, esesisikhokelo esibalulekileyo.

IMIBA YEZOBUCHWEPHESHE

Ubhubhane iCovid-19 uze neendlela ezintsha zokwenza umsebenzi wale Komiti. IKomiti ke iye

yadlulela ekusebenziseni amaqonga entsebenziswano obuchwepheshe ngenjongo yokuqinisekisa ukuba isakwazi ukuwenza umsebenzi ewuchongweleyo.

ISIMO NGOKWEMITHETHO NEMIMISELO

ISebe Lemfundo Esisiseko lithe ngo-2018 lwanakana ulwimi Lwemiqondiso njengolwimi lwasekhaya yaye emva kwezindululo zeKomiti yePalamente Yohlalutyo loMgaqo-siseko, uMongameli uCyril Ramaphosa waveza kwiNtetho yakhe Yesimo Sesizwe ka-2020 ukuba ulwimi Lwemiqondiso lusendleleni eza kulenza ulwimi lweshumi elinesibini kwezo zisesikweni. Le komiti iya kuqhuba nokuqwalasela ngeliso elibukhali iinguqu kulo mba.

IMIBA YENDALO ENGGONGILEYO

Imbalela, ukunqongophala kwamanzi kunye nobushushu obunganyamezelekiyo obungumvuka weenguqu kwiimo zezulu zinefuthe elibi kwiiningqi zokuhlala. IKomiti le iya kukhangelwa ukuba aza nayo njani na inkxaso yawo kuluntu kwanokuba iyasebenza na le nkxaso.

4.2 Imeko yangaphakathi

Isimo semicimbi yabasebenzi

IKomiti Yeelwimi zeNtshona Koloni yasekwa ngokwemigaqo yeCandelo 6 loMthetho iWestern Cape Provincial Languages Act, 13 ka-1998. Ngokwalo Mthetho, amalungu ale Komiti aqashelwa iminyaka emithathu. Ubuninzi, amalungu aqashelwa kule Komiti kufuneka abe lishumi elinanye. Amalungu ale Komiti aqashwa ngokwenkqubo yokuchongwa esidlagalaleni nokukhethelwa uvavanyo, eqhutywa yiKomiti efanelekileyo nechaphazelekayo kwiNdlu Yowiso-mthetho, oko kulandelwe kukuqashwa nguMphathiswa. IKomiti esekhoyo ngoku inamalungu alishumi athi aqashwa ngomhla wokuqala kweyoMdumba ka-2022.

IKomiti le iliGunya-bantu Elithwaliswe Uxanduva ngeli qumrhu yaye inoxanduva lwayo yonke imicimbi echaphazela ezolawulo ngokwemigaqo yeCandelo 49 ukuya ku-57 lomthetho iPublic Finance Management Act, 1999. Kwathi kwathatyathwa isigqibo ngomhla weshumi kweyoMdumba ka-2022 sokuba uSihlalo, ngokwemigsqo yeCandelo 56 lePFMA, uya kuwenza lo msebenzi wokuba liGosa Elongameleleyo, egameni leli qumrhu loluntu.


Ngokwemigaqo yecandelo 17 lomthetho iWestern Cape Provincial Languages Act, ka-1998, amagosa eCandelo Leenkonzo Zeelwimi kwiDCAS aya kunikezela inkxaso yezolawulo kwiWCLC. Umsebenzi lo wezolawulo uquka ukunikezel umxholo kwakunye nenkxaso yezeenkqubo kwanokulawula onke amalungiselelo adingekayo

ukuze isebenze ngendlela le Komiti. Imisebenzi yenkxaso kwezolawulo lwemali wenziwa ngabasebenzi beCandelo Lemali eDCAS.

Onke amaxwebhu achaphazea ezolawulo Ewcl agcinwa kwiCandelo Leelwimi ze lawo achaphazela imicimbi

yemali wona agcinwe licandelo leMali. Amaxwebhu agcinwa Kwinkqub kavimba Wobuchwepheshe Wokugcina Izibhalo (i-ECM), ukuze agcineke ngokukhuselekileyo, aefikeleleke lula ze abe kuvimba weenkumbulo zeli qumrhu.

Imeko yeSebe esebenza phantsi kwayo iKomiti ivezwa kuhle ngulo mboniso ungezantsi apha.



Le yiKomiti entsha ngoko ke ayikabi nalo ixesha elaneleyo lokufumana amava okuqhubisana nemingeni yangaphakathi ekwenziweni komsebenzi wayo.

5. IINKCUKACHA EZINGENTSEBENZO YEENKQUBO ZELI QUMRHU

INKQUBO: YIKOMITI YEELWIMI KWINTSHONA KOLONI

INJONGO: KUKUHLOLA NOKUCEBISA EKUPHUNYEZWENI KOMGAQO-NKQUBO WEELWIMI ZENTSHONA KOLONI.

5.1 Iziphumo, iimveliso, izalathisi zentsebenzo kunye neethagethi

Isiphumo	Iimveliso	Izalathisi Zeemveliso	Uthungelwano kwiVIP	Iithagethi Zonyaka						
				Ephicothiweyo/Eyona Ntsebenzo			Intsebenzo Ethelelelweyo	Ithuba leMTEF		
				2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
Ngabemi abaxhotyisiweyo kwakunye noluntu lokuhlala olubandakanyekileyo nolubumbeneyo	Ziinkqubo zophando ngokuphunyezwa koMgaqo-nkqubo Weelwimi okanye amaxwebhu emibuzo okanye ngamaphulo okwazisa okanye amaphulo okulan-delela athe aqosheliswa	Linani leentshukumo ezihlola ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni	1 no-3	1	1	2	1	1	1	1
Ngabemi abaxhotyisiweyo kwakunye noluntu lokuhlala olubandakanyekileyo nolubumbeneyo	Ngamaphulo okuphakanyiswa kwezinga leelwimi zomthonyama zeli athe aqosheliswa	Linani lamaphulo aphakamisa iilwimi zomthonyama	1 no-3	Ithagethi entsha	Ithagethi entsha	1	1	1	1	1
Ngabemi abaxhotyisiweyo kwakunye noluntu lokuhlala olubandakanyekileyo nolubumbeneyo	Lunxibelelwanolusesikweni ngenjongo yokuphumeza uMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni	Linani leentshukumo ezihlola ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni	1 no-3	6	6	6	6	6	6	6

5.2 Izalathisi, Iithagethi Zonyaka Nezekota: ku-2022/23

Izalathisi Zemveliso	Ithagethi Yonyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
1.1 Linani leentshukumo ezihlola ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo weNtshona Koloni	1	-	1	-	-
1.2 Linani lamaphulo aphakamisa iilwimi zemveli	1	-	-	1	-
1.3 Linani leentshukumo ezisesikweni zokuphunyezwa koMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni	6	1	2	2	1

6. INGCACISO NGENTSEBENZO ECWANGCISIWEYO KWISITHU-BA SEXESHA ELINGEPHI

Ngokwemigaqo yesicwangciso sika-2020/25 seminyaka emihlanu sale Komiti, isicwangciso sonyaka seKomiti sijolise ekufakeni igxalaba kula manqanaba angentla ngokuthi itsolise ekuphakamiseni, ekucebiseni nasekuhloleni inkqubo yokuphunyezwa koMgaqo-nqubo Weelwimi zeNtshona Koloni ngokuthi kugxilwe ngokukodwa kwezi nkalo zilandelayo:

- Kuphakanyiswe uphuhliso kwanenkqubela yeelwimi zemveli kwiNtshona Koloni ebezhilelekile, not leyo eya kuquka uluntu lwabaThwa nolwama, kunye namaKaaps.
- Ukubhiyozelwa nokuphakanyiswa kweentsuku ezithile zesizwe nezehlabathi ezibalulekileyo.
- Ukuhlolwa kwenkqubo yokuphunyezwa koMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni ngamasebe karhulumente wephondo.

Iziko Lophando Ngobundlobongela (iCSVR) yathi yenza izifundo zophando ezintandathu kuMzantsi Afrika ngokubanzi ze yafumanisa ukuba amaphulo ayecetywe kubandakanywe noNtu ngokubanzi anethuba elininzi lokuba nefuthe elihle, ephakamisa ifuthe lothungelwano (elikwakwiSicwangciso-qhinga sikaRhulumente weNtshona Koloni sika-2019-2024). Ukuza kuthi ga apha, iWCLC iya kunikezela isikhokelo kwinkalo yokubhiyozelwa kweentsuku zehlabathi nezesizwe zeelwimi. Ngezi ntlobo zamalinge, iWCLC iya kusebenzisana nabemi ngokuthi iphakamise ukusetyenziswa kolwimi lwenkobe, ibenze bakwazi ukuthabatha inxaxheba ze bazixhobise yay eke oku kuya kunikezela isikhokelo kumsebenzi womanyano loluntu ze kubanike imvakalelo yokuba nabantu kwanobuzwe. Oku kuya kufak aigxalaba kwiziphumo zeSicwangciso-qhinga sika-2019-2024 sikaRhulumente weNtshona Koloni.

Le Komiti iya kuthi ihlole ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni ngamasebe karhulumente wephondo ze yenze izindululo ngenjongo yokuqinisekisa ukuba bonke abemi kwiNtshona Koloni banakho ukufikelela kwiinkonzo

zicarhulumente ngeelwimi zabo. Ezi ziya kuphuhlisa nangakumb ze zifake igalelo ekubandakanyekeni koluntu kwanoluntu olukhuselekileyo nolumanyeneyo. Ingxeny yamalinge ale Komiti okuphakamisa ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo igxile ekuphakanyisweni kwezinga lokutolikwa koLwimi loMzantsi Afrika Lwabangevayo. IKomiti le iya kuqhuba nokwenza imitsi ebonakalayo ekuphakanyisweni kwezinga loLwimi loMzantsi Afrika Lwabangevayo. Iintshukumo zale Komiti beziya kuquka amalinge okusebenzisana namane amaqumrhu ezikwanoxanduva oluyeleleneyo nolwekomiti, ukuze kuhlenganiswe izibonelelo ezihlangeneyo kunye nobungcali. Ukusetyenziswa kweli cebo yiKomiti engaphambili kwisithuba seminyaka embalwa edlulileyo kubonakele kulixabiso elikhulu. Umzekelo, ngomhla wama-22 kweyoMdumba ka-2021, iKomiti engaphambili yabhiyozela Umhla Wehlabathi Wolwimi Lwenkobe ngentsebenziswano neSebe Lemicimbi Yencubeko Nemidlalo, iDyunivesithi yaseNtshona Koloni, iPanSALB, Ithala Leencwadi Lesizwe iSouth African Centre for the Book, iBhodi Yolwimi lwesiSwahili, iPhulo Lolwimi lwamaKhoi iSupuSupu, Amathala Esizwe Olondolozo Lwembali e-Ikwakunye neQumrhu Leentshukumo Ngeelwimi Zemveli ziko. Umxholo walo msitho, owawubanjwe kubuxhakaxhaka bobugcisa, wawusithi “Ukukhuselwa Kweyantlukwano Kwiilwimi Kwanokusetyenziswa Kweelwimi Ngeelwimi”. Lo mxholo wawugxile ekuphakanyisweni kokusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo kwaneenkubeko ezahlukeneyo, kukhuthazwa yaye kudalwa ulwazi ngokusetyenziswa kwanokulondolozwa kwelifa lethu lemveli elityebileyo kwiilimi nakwiinkubeko kwiilabathi ngokubanzi. Ngaphezu kokuphakanyiswa kwezinga leelwimi ezisesikweni, kukwaphakanyiswa noLwimi loMzantsi Afrika Lwabangevayo kwakunye neKhoekhoegowab futhi zivela rhoqo kula malinge. Amatathang aentsebenziswano afana nala akhankanywe ngentla apha nawo akwavulela iintshukumo zomsebenzi wasemva kovavanyo ekubanjisenwe ngazo.

7. IINGQWALASELA NGEZIBONELELO ZEENKQUBO

Ngeembono ezintsha ezifana nale ndlela yamatyathanga aphantsi kolawulo okusebenzisana neminye imibutho kwanokunikezela isikhokelo

kumaqonga obuxhakaxhaka bobugcisa okusebenzisana siya kube sivulela iKomiti iingcango zokwenza ‘nangakumbi ngkuncinci’.

Isabelo-mali sale nkqubo kunye neenkqutyana ngokwe-ENE kunye/okanye ngokwe-EPRE
Ukulungelelaniswa kweethagethi zentsebenzo kunye nesabelo-mali kwakunye ne-MTEF
Iintelekelelo zenkcitho
iKomiti Yeelwimi kwiNtshona Koloni

Inkqubo	Isiphumo Esiphicothiweyo			Inkcitho ethel-ekele-lwayo	Iintelekelelo yenkcitho kwixesha elingephi		
Amawaka ngokweR	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25
iKomiti Yeelwimi kwiNtshona Koloni	848	915	649	294	305	317	318
Itotali encinci	848	915	649	294	305	317	318
Iindleko ezithe ngqo kwiNgxowa-mali Yengeniso Yesizwe	-	-	-				
Itotali	848	915	649	294	305	317	318

Amabakala oqoqosho

lintlawulo	848	915	649	294	305	317	318
Ukubuyezwa kwabasebenzi							
Imveliso neenkonziso apho:							
Ezonxibelelwano					6	8	8
Iinkonzo zeekhompyutha	18	20	22	23	25	30	35
Iingcali, iikontraka kunye neenkonziso ezizodwa	63	103	34	95	88	88	88
Impahla yequmrhu							
Izilungiso kwizixhobo kunye neendleko zokusebenza							
Iilisi zokusebenza							
Iihambo neendleko zezidl	11	10	-	23	50	50	50
Iintlawulo zophicotho	58	91	65	96	59	67	68
Izibhengezo							
* Ezinye	698	691	528	55	77	74	69
Inzala nerente kumhlaba							
Iintsebenzo zemali kwimpahla namatyala							
lintlawulo neenkxaso-mali:	-	-	-	-	-	-	-
kumaPhondo noomaspala							
Ii-arhente zamaSebe nee-akhawunti							
Iidyunivesithi neeTeknikoni							
Iinkampani zombuso kunye namashishini abucala							
Oorhulumente bangaphandle kunye nemibutho yamazwe ngamazwe							
Amaqumrhu angajonge ngeniso							
Amakhaya							
lintlawulo kwimpahla enkulu	-	-	-	-	-	-	-
Izakhiwo nezinye izimo ezimiyo							
Oomatshini nezixhobo							
Impahla efuyiweyo							
Isoftware kunye nenye impahla engaphathekiyo							
Umhlaba nempahla engaphantsi komhlaba							
apho: iyimbuyekezo eyenziwe imali							
Itotali	848	915	649	294	305	317	318

*Ezinye ziquka iindleko zokusebenza zeKomiti Yeelwimi kwiNtshona Koloni

8. IMINGCIPHEKO EPHAMBILI EHLAZIYIWEYO

Isiphumo	Umngcipheko Ophambili	Ukuncitshiswa Komngcipheko
Ngabemi abaxhotyisiweyo kwakunye noluntu lokuhlala olubandakanyekileyo nolubumbeneyo	Kukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni okukwizinga eliphantsi ngamasebe karhlumente wephondo	Kukuhlola ukuphunyezwa komgaqo-nkqubo weelwimi zephondo
	Kukungoneli kwezibonelelo ukuze kwenziwe umsebenzi olindeleki-leyo	Kukusebenzisana namaqumrhu akwanale ndim ifanayo, umzekelo: iPanSALB.

9. AMAQUMRHU OMBUSO

Awekho

10. AMAPHUL EZISEKO ZOPHUHLISO

Awekho

11. AMATYATHANGA ENTSEBENZISWANO PHAKATHI KWAMAQUMRHU OMBUSO NAWABUCALA

Awekho

Inombolo yesalathisi	1.1
Isihloko sesalathisi	Linani leentshukumo ezihlola ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo Weelwimi kwiNtshona Koloni
Ingcaciso emfutshane	Kukuhlolwa komsebenzi wokuphunyezwa koMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni ngamasebe karhulumente wephondo
Abaxhamli Abaphambili	Luluntu oluphila kwiNtshona Koloni
Injongo	Kukunika amandla iCandelo 6 no-9 loMgaqo-siseko kwakunye nomthetho iWestern Cape Provincial Languages Act
Intsusa yeenkcukacha	Ziingxelo
Indlela yokubala	Kukubala
Uhlobo lokubala	Lolongezelekayo ☐ Ekupheleni konyaka ☐ YUkususela ekuqaleni konyaka ☒ Lolungongezelekiyo
Amaxesha okunikezela ingxelo	☐ Ngekota ☐ Kabini ngonyak ☒ Ngonyaka ☐ Kwiminyaka emibini
Intsebenzo enqwenelekayo	☐ Ingentla kunethagethi ☒ Ikwithagethi ☐ Ingezantsi kunethagethi
Uxanduva lwesalathisi	Ngumphathi onolo xanduva
linguqu kwisimo	Oondoqo kwiinguqu zesimo: Kukuqinisekisa ukuba uMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni uphunyezwa ngamasebe karhulumente wephondo kulo lonke uluntu oluphila kwiNtshona Koloni lingcaciso ngefuthe kwisimo: Ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo kwakunye nophuhliso ndawonye nokwenyuswa kwezinga leelwimi zemveli ebezisoloko zisengelwe phantsi ngaphambili kunye noLwimi loMzantsi Afrika Lwabangevayo kwiphondo ngokubanzi
Isimo Somhlaba (Iyadingeka apho iimveliso neenkonzo zinikezelwa khona, ingakumbi kuwonkewonke)	Linani leengingqi : ☐ Yingingqi enye ☒ Luthotho lweengingqi Ubukhulu: ☒ kwiPhondo ☐ kwiSithili ☐ kuMaspala Wamakhaya ☐ lwadi ☐ Idilesi Inkcukacha / Idilesi / Izalathisi: Zi(i)ngqingqi ezi-online okanye ezibekelwe bucala ngokwesicwangciso sephulo
Ukwahlulahlulwa kwabaxhamli (Amaqela amalungelo oluntu, apho kuyimfuneko)	Ithagethi kumanina: Ayikho Ithagethi kulutsha: Ayikho Ithagethi kubantu abaphila nokukhubazeka: kuquka nohlolo loLwimi loMzantsi Afrika Lwabangevayo Ithagethi yabantu abadala: Ayikho
Iinkalo Zokugxila Kwicwangciso Sokubuyisa Isimo	☐ Imisebenzi ☐ Ukhuseleko ☒ Intlalo-ntle & nesidima ☐ Akukho
Iintelekelelo	Zizibonelelo zemali nezabasebenzi ezaneleyo
Iindlela zokuqinisekisa	Ziingxelo
Ukusilela kwinkcukacha	Amahlakani angaphandle angalibazisa ukunikezela ingxelo
Uhlobo lwesalathisi	Ingaba esi Sisalathisi Senkqubo Yokuhanjiswa Kweenkonzo? ☐ Hayi ☒ Ewe, Ukuhanjiswa Kweenkonzo Ngqo Ingaba esi Sisalathisi Esiqhutywe Sisidingo? ☐ Ewe, siqhutywe sisidingo ☒ Hayi, asiqhutywanga sisidingo
Uthungelwano neCOVID-19	☐ Ewe ☒ Hayi
Iinkcukacha Zokuphumeza - AOP (Eyona misebenzi kunye neentshukumo)	Njengakwi-AOP

Inombolo yesalathisi	1.2
Isihloko sesalathisi	Linani leentshukumo ezihlola ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo Weelwimi kwiNtshona Koloni
Ingcaciso emfutshane	Kukuhlolwa komsebenzi wokuphunyezwa koMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni ngamasebe karhulumente wephondo
Abaxhamli Abaphambili	Luluntu oluphila kwiNtshona Koloni
Injongo	Kukunika amandla iCandelo 6 no-9 loMgaqo-siseko kwakunye nomthetho iWestern Cape Provincial Languages Act
Intsusa yeenkcukacha	Ziingxelo
Indlela yokubala	Kukubala
Uhlobo lokubala	Lolongezelekayo ☐ Ekupheleni konyaka ☐ YUkususela ekuqaleni konyaka ☒ Lolungongezelekiyo
Amaxesha okunikezela ingxelo	☐ Ngekota ☐ Kabini ngonyaka ☒ Ngonyaka ☐ Kwiminyaka emibini
Intsebenzo enqwenelekayo	☐ Ingentla kunethageathi ☒ Ikwithageathi ☐ Ingezantsi kunethageathi
Uxanduva lwesalathisi	Ngumphathi onolo xanduva
linguqu Kwisimo	Oondoqo kwiinguqu zesimo: Kukuqinisekisa ukuba uMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni uphunyezwa ngamasebe karhulumente wephondo kulo lonke uluntu oluphila kwiNtshona Koloni • Iingcaciso ngefuthe kwisimo: Ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo kwakunye nophuhliso ndawonye nokwenyuswa kwezinga leelwimi zemveli ebezisoloko zisengelwe phantsi ngaphambili kwiphondo ngokubanzi
Isimo Somhlaba (Iyadingeka apho iimveliso neenkonzo zinikezelwa khona, ingakumbi kuwonkewonke)	Linani leengingqi: ☐ Yingingqi enye ☒ Luthotho lweengingqi Ubukhulu: ☒ kwiPhondo ☐ kwiSithili ☐ kuMaspala Wamakhaya ☐ Iwadi ☐ Idilesi Inkcukacha / Idilesi / Izalathisi: Zi(i)ngqingqi ezi-online okanye ezibekelwe bucala ngokwesicwangciso sephulo
Ukwahlulahlulwa kwabaxhamli (Amaqela amalungelo oluntu, apho kuyimfuneko)	Ithageathi kumanina: Ayikho Ithageathi kulutsha: Ayikho Ithageathi kubantu abaphila nokukhubazeka: kuquka nohlolo loLwimi loMzantsi Afrika Lwabangevayo Ithageathi yabantu abadala: Ayikho
Iinkalo Zokugxila Kwicwangciso Sokubuyisa Isimo	☐ Imisebenzi ☐ Ukhuseleko ☒ Intlalo-ntle & nesidima ☐ Akukho khonkco
Iintelekelelo	Zizibonelelo zemali nezabasebenzi ezaneleyo
Iindlela zokuqinisekisa	Ziingxelo
Ukusilela kwinkcukacha	Amahlakani angaphandle angalibazisa ukunikezela ingxelo
Uhlobo lwesalathisi	Ingaba esi Salathisi Senkqubo Yokuhanjiswa Kweenkonzo? ☐ Hayi ☒ Ewe, Ukuhanjiswa Kweenkonzo Ngqo Ingaba esi Salathisi Esiqhutywe Sisidingo? ☐ Ewe, siqhutywe sisidingo ☒ Hayi, asiqhutywanga sisidingo
Uthungelwano neCOVID-19	☐ Ewe ☒ Hayi
Iinkcukacha Zokuphumeza - AOP (Eyona misebenzi kunye neentshukumo)	Njengokwe-AOP

Inombolo yesalathisi	1.3
Isihloko sesalathisi	Linani leentshukumo ezisesikweni ezihlola ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo Weelwimi kwiNtshona Koloni
Ingcaciso emfutshane	Yimihlangano ebanjelwe ukufumanisa/ukuxoxa ngmiba yeelwimi ngokwemigaqo yoMgaqo-nkqubo Weelwimi zeNtshona Koloni.
Abaxhamli Abaphambili	Luluntu oluphila kwiNtshona Koloni
Injongo	Kukwazisa uMphathiswa ngemiba echaphazela iilwimi kwiNtshona Koloni ngenjongo yokumvulela ukuze enze izigqibo ezisekelwe kulwazi kwanokuqinisekisa ukuphunyezwa ngokukuko koMgaqo-nkqubo Weelwimi.
Intsusa yeenkcukacha	Yirejista yabazimasi kunye nemizuzu yemihlangano yekomiti
Indlela yokubala	Kukubala
Uhlobo lokubala	Lolongezelekayo ☒ YEkupheleni konyaka ☐ Ukususela ekuqaleni konyaka ☐ Lolungongezelekiyo
Amaxesha okunikezela ingxelo	☒ Ngekota ☐ Kabini ngonyana ☐ Ngonyaka ☐ Kwiminyaka emibini
Intsebenzo enqwenelekayo	☐ Ingentla kwithagethi ☒ Yithagethi ☐ Ingezantsi kunethagethi
Uxanduva lwesalathisi	Ngumphathi onolo xanduva
Iinguqu kwisimo	Oondoqo kwiinguqu zesimo: Abekho Ingcaciso ngefuthe lesimo: yiNtshona Koloni
Isimo Somhlaba (Iyadingeka apho iimveliso neenkonzo zinikezelwa khona, ingakumbi kuwonkewonke)	Inani leendawo: ☐ Yindawo enye ☒ Ziindawo ezininzi Ubukhulu: ☒ kwiPhondo ☐ kwiSithili ☐ kuMaspala Wamakhaya ☐ Kwiwadi ☐ Address Iinkcukacha/Idilesi/Izalathisi: Kubuxhakaxhaka bobugcisa ngoMS Teams okanye kwiSakhiwo iProtea Assurance, eGreenmarket Square, eKapa
Ukwahlulahlulwa kwabaxhamli (Amaqela amalungelo oluntu, apho kuyimfuneko)	Tlithagethi kumanina: Kukuzimasa nokutyathwa kwenxaxheba ngamalungu ekomiti abhinqileyo Ithgethi kulutsha Ayikho Tlithagethi kubantu abaphila nokukhubazeka: Kukuzimasa nokuthatyathwa kwenxaxheba ngabantu abazizithulu xa ekho nokub mnye kwikomiti Ithagethi kubantu abadala: Ayikho
Iinkalo Zokugxila Kwicwangciso Sokubuyisa Isimo	☐ Yimisebenzi ☐ Ukhuseleko ☒ Intlalo-ntle & nesidima ☐ Akukho
Iintelekelelo	Izibonelelo zemai nezabasebenzi ezaneleyo
Iindlela zokuqinisekisa	Ziingxelo kunye nemizuzu yemihlangano yekomiti
Ukusilela kwinkcukacha	Kukungapheleli kwenani labazimasi
Uhlobo lwesalathisi	Ingaba esi siSalathisi Senkqubo Yokuhnjiswa Kweenkonzo? ☐ Hayi ☒ Ewe, Ukuhanjiswa Kweenkonzo Ngqo Ingaba esi siSalathisi Esiqhutywa Sisidingo? ☐ Ewe, demand driven ☒ Hayi, asiqhutywanga sisidingo
Uthungelwano neCOVID-19	☐ Ewe ☒ Hayi
Iinkcukacha Zokuphumeza - AOP (Eyona misebenzi kunye neentshukumo)	Njengakwi-AOP

ISIHLOMELO A: IINGUQU KWISICWANGCISO-QHINGA

Azikho

ISIHLOMELO B: IINKXASO-MALI EZINEMIQATHANGO

Azikho

ISIHLOMELO C: IZALATHISI EZIHLANGANISIWEYO

Azikho



Western Cape
Government



Western Cape Language Committee
Wes-Kaapse Taalkomitee
IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni

Cultural Affairs and Sport

Annual Performance Plan 2022/2023

CONTENTS

EXECUTIVE AUTHORITY STATEMENT	48
ACCOUNTING AUTHORITY STATEMENT	48
OFFICIAL SIGN-OFF	49
ACRONYMS	50
PART A: OUR MANDATE	51
1. UPDATES TO THE RELEVANT LEGISLATIVE AND POLICY MANDATES	51
1.1 Constitutional mandates	51
1.2 Legislative mandates	52
1.3 Policy mandates	54
2. UPDATES TO INSTITUTIONAL POLICIES AND STRATEGIES	55
3. UPDATES TO RELEVANT COURT RULINGS	55
PART B: OUR STRATEGIC FOCUS	56
4. UPDATED SITUATIONAL ANALYSIS	56
4.1. External environment analysis	56
4.2. Internal environment	57
PART C: MEASURING OUR PERFORMANCE	59
5. INSTITUTIONAL PROGRAMME PERFORMANCE INFORMATION	59
5.1. Outcomes, outputs, performance indicators and targets	59
5.2. Indicators, Annual and Quarterly Targets 2022/23	59
6. EXPLANATION OF PLANNED PERFORMANCE OVER THE MEDIUM-TERM PERIOD	60
7. PROGRAMME RESOURCE CONSIDERATIONS	60
8. UPDATED KEY RISKS	62
9. PUBLIC ENTITIES	62
10. INFRASTRUCTURE PROJECTS	62
11. PUBLIC PRIVATE PARTNERSHIPS	62
PART D: TECHNICAL INDICATOR DESCRIPTIONS	63

EXECUTIVE AUTHORITY STATEMENT

